

Vuk'uzenzele




Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa/English

| January 2017

Infrastructure boost for schools

GOVERNMENT'S PROGRAMME for ensuring that learners have access to quality education infrastructure is making progress.



Councillors must transform communities

Page 4



Gogos on the go

Page 7



Minister of Basic Education Angie Motshekga interacts with learners at the launch of Bhungu Junior Primary school in Libode.

Siya Miti

The Eastern Cape has received the lion's share of government's multi-billion Rand Accelerated Schools Infrastructure Delivery Initiative (Asidi) programme, with over half of the schools built as part of the programme in the province, President Jacob Zuma said.

The President was speaking at the sitting of the National Council of Provinces in East London shortly after Basic Education Minister Angie Motshekga launched Bhungu Junior Primary School near Libode built as part of Asidi. The school cost R24 million.

Asidi is an R8.2-billion programme that is part of government's Strategic Infrastructure Projects effort, which aims to replace unsafe mud, asbestos and plank structures with solid structures.

"Since 2014, we have provided electricity to 180 schools, sanitation to 167 schools and water to another 248 schools."

"In the Eastern Cape alone, government has to date built 130 new state-of-the-

art schools," said President Zuma.

Many of the schools built through Asidi have computer labs with Internet access, science laboratories and resource centres. Being no-fee schools in poor areas, they also have nutrition centres.

Since September this year, the Department of Basic Education has handed over no less than seven state-of-the-art schools to communities in the Eastern Cape, among them the R49 million Mxhume Secondary School and the R22 million Luxeni Secondary School in villages outside Lusikisiki and Mthatha.

Since its inception in 2011,

Asidi has provided water to 617 schools, sanitation to 425 schools and electricity to 307 schools that previously did not have access to these basic amenities.

Speaking during the opening of Bhungu Junior Primary School, Minister Motshekga said 217 replacement state-of-the-art schools have been built and handed over to communities nationally.

"Since 2014, we have provided electricity to 180 schools, sanitation to 167 schools and water to another 248 schools. We will not rest on our laurels until every South African learner has access to state-of-the-art school infrastructure," she said.



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0089

Free Copy

Oomasipala benza izinto ngendlela efanelekileyo

INKQUBO YOKUBUYELA KUNDALASHE yenza umahluko koomasipala abaninzi mbombo zone zeli.

Stephen Timm

Inkqubo karhulumente ephambili – eyaqala ukusebenza kwisithuba esingaphezulu kwiminyaka emibini edlulileyo ukunceda oomasipala abasokolayo – iyaqalisa ukuvelisa iziphumo ezincumisayo ngoku.

Inkqubo yokuBuyela kuNdalashe, eyamiselwa liSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli (i-Cogta) ngeyoMsintsi wowama-2014, ilungiselele ukulungisa imingeni eyahlukeneyo kurhulumente wemimandla. Le mingeni iquka

ukungabikho kozinzo kulawulo nakwezopolitiko, ukunganonotshelwa kweziseko kunye nokungathathi nxaxheba koluntu ngokufanelekileyo.

Urhulumente kazwelonke usebenzisa indlela yokuhlola ekhupha iziphumo ngokolangoko, inkxaso ngemali kunye nokuxhobisa ngezakhono kwaye uye angenelele kumatyala okumangalelwa kukamasipala okanye kuthinjo lweempahla.

Le nkqubo iyaqalisa ukuvelisa iziphumo ezincumisayo koomasipala ababini eMpuma Koloni – uMasipala oMbaxa iNelson Mandela Bay kunye noMasipala waseSundays River Valley.

NgeyeSilimela, uMphathiswa woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli uDes Van Rooyen uthe ingxelo yoMphicothi-zincwadi-Jikelele ibonisa ukuba iinkqubo zesebe, iBuyela kuNdalashe kunye ne-Operation Clean Audit, ziqalise ukuvelisa iziphumo ezincumisayo kule minyaka imbalwa idlulileyo.

Ngowama-2010/11, ngoomasipala namaqumrhu ali-16 kuphela ayefumene iziphumo zophicotho-zincwadi ezingenachaphaza futhi nezingenzinto zifuna ukulandelelwa. Inani loomasipala abafumene iziphumo zophicotho-zincwadi ezinga-

ncumisiyo lehlile lisuka kwi-102 ngowama-2010/11 laya kutsho kuma-43.

Isicwangciso sokusabela kwiziphumo zophicotho-zincwadi sesibhaliwe ukuze sancede amaphondo noomasipala ukubabonisa iindawo emakugxininiswe kuzo kunye nezo kufuneka zenziwe ngekota ukusabela kwiziphumo zophicotho-zincwadi.

NgeyeSilimela, amatyala angama-2 665 oluleko nawabo bagxothiweyo ayasele efakiwe kuluhlu lwabasebenzi abagxothiweyo nabo balahle emsebenzini phambi kokuba kuqakunjelwe amatyala abo oluleko.

Olu luhlu luza kuse-tyenziswa njengomqu-lu omkhulu onolwazi

olumayelana namatyala oluleko futhi luza kunceda oomasipala bakwazi ukufaka abasebenzi kuluhlu lwabo bagxothwayo emisebenzini ngenxa yokuziphatha kakubi.

Kwintetho yakhe yevo-ti yohlahlo lwabiwo-mali ngekaCanzibe, uMphathiswa uVan Rooyen wathi izicwangciso sele zikho zokunyusa izinga uluntu elithatha ngayo inxaxheba ngokusebenzisa izixhobo zohanjiso lweenkonzo eziseziwadini kunye nezicwangciso zokuphucula iiwadi (umzekelo, ukulungisa izibane zezitalato, ukuchetywa kwengca kunye nokulungiswa kwemibhobho evuza amanzi). **V**

Uhanjiso lweenkonzo lukhokeliswe phambili

UHANJISO LWEENKONZO lungumba okhokeliswe phambili eNelson Mandela Bay.

Stephen Timm

Ngethuba ethatha isikhundla soku-ba ngumphathi olibambela kuMasipala oMbaxa iNelson Mandela Bay ngeyeNkanga wowama-2015, uJohan Metter wayejongene neengxaki ezinkulu.

Iikomiti zeewadi zazingabambi zintlanganiso, kwakukho ilahleko eyi-18% kumbane othenngiswayo kunye ne-44% kwimali eyingeniso yamanzi isixeko esiwathenga kumaqumrhu karhulumente, izimali zesixeko zazingalawulwa ngendlela efanelekileyo kwaye urhwaphilizo lwaluthathe unyawo.

“Kwakunzima kakhulu” ungqine watsho uMetter, ongomnye wabasebenzi abatsha abaqeshwa ngethuba isixeko siqalisa inkqubo yokuBuyela kuNdalashe.

Ukusukela oko amanyathelo ahlukeneyo okungenelela phantsi kwenkqubo yokuBuyela kuNdalashe aqala ngowama-2015, kukho umahluko omkhulu obonakalayo ngoku, utshilo.

Ngoku kunyanzelekile

ukuba iikomiti zewadi zingenise esixekweni imizuzu yeentlanganiso zazo zenyanga.

Inombolo yomnxeba yokuxela ubuqhophololo ngoku iyasebenza kwaye amatyala obuqhetseba norhwaphilizo abandakanya uphando lwezityholo ezithathu ezahlukeneyo ngoku ayaqakunjelwa emva kokuba iingxelo ngawo ezazinikwe umlawuli kamasipala wangaphambili zazihleli zingalandelelwa.

Ewonke ngamagosa angama-29 atyatyekwa izityholo zobuqhetseba norhwaphilizo, amathandathu kuwo agxothwa, futhi kubanjwe neentlanganiso zoluleko ezininzi.

Isixeko sifake izimangalo ezininzi zamatyala okufuna ukubuyiselwa amakhulu-khulu ezigidi zeerandi ngamagosa esixeko nenkampani ezibonelela ngeenkonzo neempahla ezikrokreleka ngokuba bezindakanyeka kwizenzo zobuqhetseba.

Inkunkuma ithuthwa kuzo zonke iziphaluka zesixeko rhoqo ngeveki ngoku, nangona kwezinye iziphaluka zesixeko iinkunkuma yayiqokele-

lwa kuphela emva kweeveki ezimbini.

Ukongeza koku, izinga lokuqokelelwa kwemali yeenkonzo zikamasipala linyukile lisuka kuma-88% laya kutsho kuma-93%, ngeli thuba izinga lokusetyenziswa gwenxa kwamanzi lehle nge-37%. Oku kwenzeke ngenxa yokusebenzisa iinkqubo zolawulo ezifanelekileyo. Ingxaki yelahleko embaneni iza kulungiswa ngokufakela iibhokisi zombane ezisebenza kakuhle.

Sele beqeshiwe abantu kwizithuba ezininzi ezibalulekileyo ebezingenabantu, kuquka nesithuba segosa eliyintloko leengozi, isikhundla eso ebekuse kuyiminyaka emine singenamntu phambi kokuba singenelele. Isixeko side salivula isebe laso lamapolisa kamasipala ngoCanzibe wowama-2016. Eli sebe ngoku sele linamapolisa angama-50 asele eqashiwe.

Ngaphezu koku, inkqubo yokuhlola umsebenzi wabaphathi abaphezulu sele ikhona, kwakunye nenkqubo yokufaka i-inkcukacha zeentsuku zekhefu labasebenzi. **V**

Kubuyelwa kuNdalashe eSundays River

EMVA KOKUPHAZANYISWA yimingcelele yogwayimbo ekupheleni kowama-2014, uMasipala weNgingqi waseSundays River Valley eMpuma Koloni ngoku uyasebenza kwakhona.

Stephen Timm

UMphathi kaMasipala waseSundays River uLornwabo Ngoqo uthi umasipala ulungisa iindlela, wakha iziko elitshalokucoca amanzi amdaka aze afakele nombane.

Bangaphezulu kwama-250 abantu abaqeshwe kwiNkqubo yeMisebenzi yoLuntu ukuba batshayele izitrato bacoce namangcwaba.

Lo masipala, ubukhulu bawo oquka iilali kunye nenxalenye yomyezo i-Addo Elephant National Park, khange ufumane ziphumo zophicotho-zincwadi zincumisayo ngowama-2015/16, kodwa la macebo okungenelela akutsha nje aza kunceda ukutshintsha izinto zitsho zibe ngcono.

“Uluntu luyangqina ukuba urhulumente ngoku uyasebenza futhi usabela kuyo yonke le mingeni,” utshilo. Umzekelo, kukho amaphulo asibhozo okulungiswa kweendlela, anyuke esuka kwabemabini kuphela ngowama-2014, phambi kokuba siqalise ngezi nkqubo zokungenelela.

UNgoqo uthi, kulo nyaka-mali umasipala wafumana imali isuka kumasebe ahlukeneyo yokuba ayisebenzise kwimingeni agagana nayo yokuhanjiswa kweenkonzo.

Le mali iquka izigidi ezingama-36 zeerandi eziza kuncedisa kumaphulo okufakelwa kwamanzi nokumbiwa kwemingxuma yokutsala amanzi, ezizigidi ezi-

ngama-32 zeerandi yokulungisa iindlela, ezizigidi ezingama-24 zeerandi yokucoca amanzi amdaka kunye nezizigidi ezisithoba yokufakela umbane, futhi kukho nesinye isixa esizizigidi ezili-15 ezisendleleni.

Kuza kwakhiwa iziko loluntu elitsha eKirkwood eliza kuthatha indawo yeli belitshiswe ngabaqhanqalazi kwaye sele kuqaliswe ngenkqubo yokuzama ukufumana kwakhona amaxwebhu atsha ngumlilo.

Iza kuqalisa imisebenzi yokuphucula iziseko zombane ukulungiselela abo bakwicandelo lesitansi. Oku kubalulekile kakhulu njengoko lo masipala ingummandla okwindawo yesibini eyiyona ivelisa iimveliso zesitansi kweli lizwe.

UNgoqo uthi le nkqubo yokungenelela yaqala ngowama-2014 emva kokumiselwa kwekomiti yokungenelela ngumasipala kunye neSebe loLawulo lweNtsebenziswano.

Emva koko kwaye kwabanjwa iimbizo nabahlali, kwaze kwabanjwa nendibano yamahlakani eyayisingathwe yiNkulumbuso yaseMpuma Koloni uPhumulo Masualle.

UNgoqo uthi unika iingxelo rhoqo kwintlanganiso yekomiti ekhokela imiba engesimo seenkqubo ezahlukeneyo zokungenelela. Le komiti inamalungu amele amasebe kunye namaqumrhu kamasipala ahlukeneyo. **V**